


UDyakalashi usomaqhingana uqhatha uDonki

Kholeka Mabeta
isiXhosa






Wavuka uDyakalashi ngentsasa ethile elambile. Amathumbu akhe ayegquma okwenkunzi yengonyama kucaca ukuba uphethwe mpela liphango. Waphakama wangena endleni ekhangela ukutya.


Wajikeleza ehlathini ekhangela ukutya
ehamba esezela umoya efuna ukuva
ivumba lokutya. Ilanga lalitshisa kakhulu.
Kwakunzima nokubona kakuhle
kuDyakalashi ngendlela awayelambe
ngayo. Wayecinga ngephango kuphela.






“Aawwuuuu ...!” Watsho ngesikhalo esikhulu umfo omkhulu. Wawa kwisiziba esasiphambi kwakhe. Wayelambe kakhulu esezela umoya intamo ithe qhiwu intloko ijonge phezulu ejoja ivumba lokutya. Akazange ajonge apho ahamba khona.

“Owu Nkosi yam!” wacinga watsho.
“Kufuneka ndiphume kwesi siziba okanye ndakufela apha liphango.”





Usomaqhinga onguDyakalashi wakhala ekhwaza: “Ncedani! Ncedani.” UDonki wayesitya ingca kufutshane neso siziba. Weva isikhalo sikaDyakalashi wabaleka esondela.



“Yintoni ingxaki?” Wabuza uDonki exhalabile.

“Hayi wena mhlobo wam andikhaliwa yingxaki koko ndinesithukuthezi. La manzi amnandi kakhulu kwaye ayawupholisa umzimba kweli langa litshisa kangaka. Ndifuna umhlobo endinokuqubha naye andichithise isithukuthezi. Ungangena uqubhe kunye nam?”



“Inene liyatshisa eli langa,” watsho uDonki. Kodwa angekhe ndikwazi ukuphuma xa ndingangena kwesi siziba.” Wayethandabuza uDonki. “Ngena mfondini! Ndizakunceda uphume xa udiniwe kukuqubha,” wathembisa uDyakalashé.

Dyumpu! Watsiba wangena esizibeni uDonki. Ayemnanadi ngenene la manzi. Wawuva umzimba wakhe uphola kamnandi. Weva ngoDyakalashé etsibela emhlana kuye. Wayecinga ukuba uDyakalashé uyadlala nje. Nanko uDyakalashé ephuma esizibeni ebaleka ehleka. UDonki washeka yedwa kweso soziba exakene nendlela yokuphuma. Waqalisa naye ukukhwaza: “Ncedani! Ncedani!”



UDyakalashe usomaqhingana uqhatha uDonki

Writer: Kholeka Mabeta

Illustration: Benjamin Mitchley

Translated By: Kholeka Mabeta

Language: isiXhosa



© African Storybook Initiative, 2014 , 2014



This work is licensed under a Creative Commons Attribution
(CC-BY) Version 3.0 Unported Licence

Disclaimer: You are free to download, copy, translate or adapt this story and use the illustrations as long as you attribute or credit the original author/s and illustrator/s.

Saide 
South African Institute
for Distance Education

www.africanstorybook.org
A Saide Initiative